

OKUQULATHWE NGAPHAKATHI

IPHEPHA

Umbono weRED Door
Intshayelelo
Sebenzisa isikhokelo sakho soshishino
Ingaba ungsomashishini?
Yintoni ishishini elikhasayo?
Yazi into oyifunayo
Yiphonononge injongo yakho yoshishino
Lazi ishishini lakho
Landela uluhlu lwezinto ezifunekayo
Ukuphanda ngabathengi
Ukubonelela ishishini lakho ngemali
Iinkonzo zembolekiso-mali zamashishini
Ukuwazi umthetho
Ezinye izinto eziqwalaselwayo ngumthetho
Ukwenza isicwangciso soshishino
Inkxaso kaRhulumente

1

THE RED DOOR CONCEPT

I-RED DOOR
R-REAL
E-ENTERPRISE
D-DEVELOPMENT

YINTONI IRED DOOR?

I-Red Door kulapho kufumaneka zonke iinkonzo nalapho amashishini amatsha nalawo sele emile anakho ukufikelela kwindawo enye yokucela ubonelelo lwemali. Abasenzi abaphaya kwi-Red Door bazingcali kwaye banobulali, bekwanika nenkxaso benceda abaxhamli bebacebisa kananjalo ngenyathelo ngalinye kwezoshishino nakuzo zonke izinto eziyimimiselo, nokuba ezo ngcebiso zisisiseko okanye zeziphakamileyo nezondeleyo kwezoshishino. Usomashishini uya kukhokelelwa kwindlela amakuqhube ngayo ukuqinisekisa ukuba wenza ngako konke okusemandleni akhe ukuba aphumelele.

KUTHENI KUKHO IPROJEKTHI IRED DOOR?

Amalinge ophuhliso loshishino olusakhasayo eMzantsi Afrika ahluka-hlukene, ngoko ke kuye kubekho uphinda-phindo kwiinkonzo zenkxaso ezinikwayo. Kwakhona, iintlobo zezi nkonzo zimbalwa, kwaye kubonakala ukuba zifumaneka kwindawo ezithile kuphela kanti azikho kwa-ukubakho kwiindawo ezininzi ezisemaphandleni. Umlinganiselo wokuqhothoza kwamashishini asakhasayo eMzantsi Afrika awuncumisi ncam xa kuthelekiswa namashishini amanye amazwe asakhulayo.

Ukongeza koku, uphando ludandalazisa ukuba ayikho kumgangatho olindelekileyo inkqubo yoshishino kwakula mashishini asakhulayo asele ekho. Le mingeni kwakunye neminye ke, umz. ukuxhotyiswa kwabantu abaNtsundu ngokubanzi kwezoQoqosho, kuthundeze ukuba kwenziwe iRed Door.

RED DOOR IJONGE UKUPHUMEZA OKU:

- ukuqala amashishini amatsha kuzozonke indawo
- ukomeleza nokuphuhlisa la mashishini matsha sele ekho
- nokunabisa ubunini bezoshishino kubantu abantsundu.

INGABA IZA KUZA NANTONI IRED DOOR?

Abaxhamli baya kuxhamla kwezi nkonzo zilandelayo:

- Uncedo kuqeqesho nase kubhaleni isicwangciso seshishini
- Ukulungiselela ukuba bafikelele emalini
- Uqeqesho oluncinane kuqeqesho lwezakhono
- Ukufikelela kuthungelwano lwenkxaso yezoshishino yababoneleli ngeenkono
- Ukwaziswa ngogcino-zincwadi kunye nababoneleli abizisa iinkonzo zomthetho
- Uqeqesho kubuchule lwezoshishini
- Iinkcukacha zoThendariso, iingcebiso noqeqesho
- Ukufikelela kwi internet
- Ukufikelela kwiinkcukacha zorhulumente nasekufumaneni inkuthazo kwezoshishino
- Amathuba okubonisa ngeenkono neempahla ozithengisayo
- Ingcebiso malunga nokuthumela nokwamkela impahla kumazwe angaphandle
- Uncedo ngemibandela yabathengi, iimarike kunye nophando
- Ukubakho kwezinto zokuqhuba inkomfa
- Ukufikelela maxa onke kubacebisi
- Izixhobo kwithala lwezoshishino
- Inkxaso kuthungelwano lwamashishini

INGABA IINKONZO ZERED DOOR ZIYA KUKUNCEDA NGANTONI WENA NOLUNTU?

Iinkonzo zeRED DOOR inceda ngezi zinto zilandelayo:

- Ufikeleleko – ukuba kufuphi neendawo zoluntu
- Kukuqwalasela imeko yomntu ngamnye
- Kukuhlalutywa kweemfuno zoshishino ngokukhawuleza
- Ingcebiso ezikumgangatho ophezulu nezithembakeleyo ukunceda amashishini aqalayo nasele eqhuba
- Iinkonzo ezineendleko eziphantsi
- Iinkonzo zokuxhasa amashishini
- Indawo enye yokufikelela kwinkxaso yezoshishino kaRhulumente
- Ukuxhoyiswa koosomashishini ngezakhono ngolwazi nobuchule
- Ukuxhobisa ii-SMME ngeenkqubo ezintsha ezilumkiswa ukuze zikwazi ukulibona xa ishishini litshona
- Iinkqubo zoshishino zokowazisa uluntu kuqukwa ulutsha, amabhinqa angosomashishini, amafama asathukuzayo, abantu abakhubazekileyo, njl-njl.

INGABA ZIYA KUZISWA NJANI IINKONZO?

- Iilwimi ezi-3
- Amanqanaba amabini emfundo
- Isicwangciso esiyilwe kakuhle esilungiselelwe iimfuno zomntungamnye

INTSHAYELELO

Abantu abaninzi baphupha ngokuzenzela amashishini angawabo, kwaye ababunanze nganto nobungozi bawo, anyuka ngokunyuka amanani abantu abathabatha amanyathelo abheka phambili befezekisa amaphupha abo. Bukho ubungozi – kodwa ke abo bacwangcisa ngononophelo, bangawanciphisa amathuba obungozi.

Siqukunqe le Ncwadana yoMsebenzi wezoShishino ukukunceda ukuba unciphise amathuba anobungozi athintela impumelelo. Asikokusombulula micimbi ngokufezekileyo, ingekokufumana macebo alungileyo navunyiweyo, koko luhlu lwezinto ezifuna ukukhangelwa nesikhokelo esishwankathelweyo kwizinto eziyimfuneko ngaphambi kokuthabatha inyathelo elikhulu. Ukulandela ngocoselelo okuqulethwe kule ncwadana luhlu kwisigaba ngasinye xa uqala ishishini lakho kuya kukunceda ukwazi ukuhlola ukusebenza kwengcinga yakho yeshishini.

Ukuba ucinga ngokuqhubela phambili, umsebenzi osele uwenzile uya kukunceda kwindlela yokuqhuba ishishini nangakumbi.

Isicwangciso sokusebenza siya kukunceda nasekusebenzisaneni neebhanki, abatyalizimali kwanamaqumrhu karhulumente kuba baya kukunceda ukuba ulicwangcise ngendlela eqondakalayo ishishini lakho.

Khumbula elona nqaku liphambili: bambelela kule nto unobhuchule bayo. Ukuba ukuchwela yeyona nto uyaziyo gxininisa kuko ngaphezu kokuvula ishishini lekhompyutha kuba isenokungabi licebo elilungileyo elo. Thabatha ixesha lakho ucwangcise izinto eziyimfuneko zorhwebo njengeniyathelo lokuqala, uphinde uthathe elinye ixesha kwakhona udwelise ezona zinto unolwazi nonobuchule kuzo. Yiphononongisise amatyeli ambalwa ukuqinisekisa ukuba akukho nto oyishiyileyo, nokuba isigqibo osithathayo sisigqibo esikrelekrele esingamfanyekiswanga lithemba.

Sinqwenelela ukuba esi sikhokelo sibe Incedo kuwe, kwaye sikunqwenelela impumelelo kwikhondo lakho lezoshishini!!



SEBENZISA INCWADANA ESISIKHOKELO YAKHO

Incwadana esisikhokelo soShishino sibonisa indlela oza kuliqala ngayo ishishini lakho ngokwamanyathelo alandelelana ngokufanelekileyo. Inyathelo ngalinye linesahluko salo. Hamba ngokokulandelelana kwezahluke – uqale ugqibe isahluko sibe sinye ngaphambi kokuba udlulele kwesinye.

INGABA UNGUSOMASHISHINI?

Xa ufuna ukuziphonononga ukuba ingaba unganako na ukujongana neemfuno kwanemiceli-mngeni ekulindileyo endleleni, hlola intsulungeko onayo ngokolu ludwe lulandelayo nolungumzekelo ocacileyo wosomashishini:

Ingaba?

- unaso isibindi namandla okushishina
- uzithembe kangakanani
- Unabo ubuchule bokuliqhuba ithuba elide ushishini
- uzimele, uyaziqulunqela, uziqalele ngokwakho izinto ezintsha
- unemfezeko nentembeko
- unabo ubuchule bokumisa iinjongo ezicacileyo oya kujolisa kuzo
- unakho ukujongana neemeko ongenakuqiniseka ngazo
- unawo amandla okusombulula iingxaki
- unenzondelelo kwimiceli-mngeni engenzima kangako, kodwa inobungozi
- ungakwamkela ukuwa njengenxalenye yokufunda ngamava
- Unalo ulwazi olugqibeleleyo ngeli shishini ujonge ukuliqhuba
- uyazazi na izinto ezizimfuno ukuze usebenzisane neengcali

Luqwalasele kakuhle olu ludwe, uzivavanye ukuba usulungeke kangakani na, zibuze umbuzo wokuba ingaba ngenene uxhobe ngokwaneleyo ukuze ukwazi ukujongana neemfuno zokuqala ishishini. Lo msetyenzana ubalulekile, ingalicebo elihle ukuba olu ludwe unganobonisa ngalo nosapho lwakho kungenjalo umhlobo wakho. Zama kangangoko ukugxila kwinto ethile ukuthembeka nokukwazi ukwamkela izimvo ezahluka-hlukeneyo nengokunengqiqo.



UKUYAZI INTO OYIFUNAYO

Yonke iminqweno yakho iya kukhuthazwa – umbuzo uthi: “Kwintoni?” Lo ngumbuzo omele ukuwuphendula ngokwakho ngaphambi kokuba uthathe elinye inyathelo elibheka phambili. Ngoba? Ngenxa yokuba ukuqhuba ishishini kubandakanya ukuzimisela, udelo-ngozi kwanenzuzo enokufumaneka. Uxanduva oye waluthwala nodelo-ngozi ongene kulo, ezo zinto aziyi kubonakalisa ndima xa ishishini lingakuniki le nto uyifunayo. Ukuthatha ithuba ukufezekisa iziphumo kanti nolibaziseko lungakutyhafisa, kodwa ke khumbula ukuba, ukuzimisela nokuzikhuthaza ngoyena ndoqo kwimpumelelo yoshishino.

Ngoko ke thatha ixesha lakho ucinga ngeyona nto uyifuna ngenene kwishishini lakho. Umzekelo:

- Ingaba kukufuna ukuba sisityebi?
- Ingaba kukufuna iwonga?
- Ingaba ufuna ukwenzela usapho lwakho ikamva?
- Ingaba kukufuna inkululeko yokuziphatha uziqeshe ngokwakho uzenzele izigqibo ezizezakho.
- Ingaba kungenxa yokuba unecebo elihle nowaziyo ukuba lizakusebenza?

Nokuba yiyiphi kwezi, kodwa yenza uluhlu. Mayibe ngumba owubeka phambili ujolise kuwo ekwenzeni zonke izigqibo – ukuqinisekisa ukuba inqaku ngalinye liya kubanegalelo kwinto oyifunayo.

Khumbula kwakhona ukuba nabani na okuboleke imali okanye oza kuba nesabelo kweli shishini lakho uya kufuna ukuqonda ukuba ukhuthazwe yintoni na le ikwenze uthathe isigqibo sokuqhuba ishishini.

YIPHONONONGE INJONGO YAKHO YOSHISHINO

Uninzi lwabathwebi oluqalayo ukuqhuba ishishini ludla ngokuphulukana nempahla yalo lakuba ishishini litshona. Intlolo othi uyenze phambi kokuba uqale ishishini ayisosiqinisekiso sokuba ishishini liyakuphumelela, koko lo ntlo iya kukunceda nje uyiqonde into ongena kuyo. Esona sizathu siphambili sibangela ukutshona kwamashishini kukungakwazi ukuwaphatha ngokufanelekileyo. Oku kudla ngokwenzeka xa usomashishini engenamava ngokubhekiselele kuthengiso/papasho, ukuphatha imali, ukuthenga nokuvelisa.

Ukuze ube nako ukunciphisa amathuba okutshona kweshishini, yazi oku kulandelayo:

- Musa ukulibala ngeyona njongo yakho yoshishino.
- Phanda uqonde ezona zinto zifunekayo unokuzithengisa.
- Musa ukuzithatha njengezinto ezingenamsebenzi izinto ezifuna imali a uqala ishishini.
- Funa amacebo aphilileyo phambi kokuba uqale ishishini.
- Luqwalasele ukhuphiswano loshishino phambi kokuliqala ishishini lakho.
- Qiniseka ukuba iimpahla ozithengisayo zahlukile kwezithengiswa ngomnye usomashishini, bayiqonde loo nto nabathengi.

Qiniseka ukuba uyayazi imithetho echaphazela uhlobo lweshishini oliqhubayo.

UKULAZI ISHISHINI LAKHO

Qiniseka ukuba wazi *ngqo* ukuba luhlobo luni na leshishini okulo. Kuxa ulichaza ngokuthe ngqo kuphela icebo onalo ukuze ishishini lakho lihambe ngokwecebo elo. Uya kusebenzisa le nkcazelo ukuchonga abathengi bakho nokujongana nokhuphiswano loshishino kananjalo.

Ukuhlaba ukhangele yeyona nto ibalulekileyo kwezoshishino njengasemdlalweni. Amashishini asaqalayo ayatshona, kungenjalo afadalale xa ngaba abanini bawo besimka kwezoo njongo zabo zokuqala, bewelela kwimiba yimbi abanobuchule nolwazi olungephi ngayo. Iziphumo zoko, kukuvalela amashishini abo angakhuli ngokwaneleyo, kanti ke bukwanjalo nokwanda ubungozi nokutshona kweshishini.

Lichaze ngokuthe tye kangangoko unakho ukulichaza ishishini lakho oko ukwenza ulungiselela ukuphendula ngokuzelelo le mibuzo ilandelayo:

- Kanene yiyiphi eyona mpahla okanye inkqubo endiza kuyenzela abathengi bam?
- Ingaba ndiya kuliqhuba ngokwam, okanye ndiya kuliqhuba ngoncedo lwabanye abantu – oomahlulelwane, abaqeshwa, okanye oomatheng'athengise?
- Ingaba ndiya kuba ngumvelisi? Umdibanisi wezinto? Umatheng'athengise? Unovenkile?
- Ndakungena njengomrwebi kweli shishini?
- Ingaba ndithenga ishishini okanye inkampani esel' ikho, nokuba ndiziqalela ishishini elitsha?

Zihlanganise iimpendulo zakho unike inkcazo ecacileyo neqondakalayo ngeshishini lakho elitsha.

Umzekelo:

- *Ndiza kuqhuba inkonzo yoshishino lwekhompyutha, ndiqhuba inkonzo yokulungisa umatshini wokushicilela phakathi kwizakhiwo zabo ndibancedayo.*
- *Ndiza kuqhuba ishishini lokubonelela iindwendwe, ndijongane neebhari, izindlu zabahambi neehotele ezincinci.*
- *Ndiya kuba ngumatheng'athengise, weekhompyutha – eziyilwe zaza zafakwa iinkqubo ezisetyenziswayo zilungiselelwa kwandim kwikhompyutha- ukulungiselela ukukwazi ukuqhuba iinkqubo yokuphatha impahla ekhoyo yeshishini kwanokwenza ii-odolo.*

Landela uluhlu lwezinto ezifunekayo

- Nika inkcazo ecacileyo ngeshishini lakho.
- Bangakanani abantu abathengayo? Ingaba inani labathengi liyakhula, limile okanye liyancipha?
- Dwelisa zonke izinto ezingakhokelela empumelelweni (umz. indawo elungileyo elimi kuyo, amaxabiso aphantsi, iimpahla ezisulungekileyo, njl.njl.)
- Yihlalutye le mo ngokwale ndlela:
 - a. dwelisa izinto oqonda ukuba zezona unamandla kuzo nezona zinto zikubethayo uzithelekise nezosomashishini okhuphisana nabo, ube
 - b. udwelise ezona zinto uqiniseke ngazo ukuba zingawanyusa amathuba entengiso nezona zinto zithandabuzisayo.
- Dwelisa zonke izinto ocinga ukuba zingakwenza ubodlule abanye oosomashishini okhuphisana nabo.
- Nika uludwe lwezinto ocinga ukuba oosomashishini okhuphisana nabo baya kubetha ngazo.
- Dwelisa iindlela oya kuthi ulisebenzise ngayo ikhono onalo kwiimfanelo zakho.
- Nika uludwe lweendlela ocinga ukuba zingakwenza ukwazi ukuhlangabezana neengxaki ezithile.
- Nika uqikelelo lwengeniso ozenzayo uluthelekise neendleko ozenzayo eziqikelelweyo.
- Dwelisa izinto ekufuneka zenziwe, ixesha lokuzenza, indlela yokuzenza, ungalibali ukunika ingqalelo intengiso, imveliso, imali nendlela yokuphatha ishishini.
- Ukuba uphando lubonisa ukuba ishishini liyakuphumelela qhubeka ngophando olunzulu.

INDLELA YOKUPHANDA NGABATHENGI BAKHO

Akukho shishini lingahamba kakuhle ngaphandle kwentengiso, ngoko ke ngaphambi kokuliqala, qiniseka ukuba impahla oyithengisayo iya kuthengwa, kwaye unabathengi ngokwaneleyo yaye imfuno yezo zinto uzithengisayo iyakhuhlala ikho kangangethuba elide.

Into yokuqala omawuyenze kukwenza isicwangciso sokupapasha intengiso, kodwa ukuze ukwenze oku kufuneka uyazi indlela yokuqhuba uphando ngabathengi.

Kufuneka wazi oku kulandelayo:

1. Lingakanani na inani labathengi?
2. Singakanani esam isahlulo sabathengi?
3. Ziziphi iinkalo ezibalulekileyo zempahla endiyakuyithengisa?
4. Ndingabiza maxabiso angakanani, ndizazise, ndizithengise njani iimpahla zam?

Ulwenza ngezi ndlela zimbini uphando – okokuqala, ngohlobo lweshishini (umz. iikhompyutha, iimoto, njl,njl.) okwesibini, ngabaxhasi bakho (umz. abathengi beemoto esezisetyenzisiwe).

1. Ukuphanda ngohlobo lweshishini *Zalisa eli phepha-mbuzo lilandelayo*

- Nguwuphi owona msebenzi wolu hlobo lweshishini?
- Lingakanani eli hlobo lweshishini?
- Linexesha elingakanani likhona olu hlobo lweshishini?
- Ziziphi iindlela zoshishino ezidumileyo zala maxesha (umz. ujonge ukusebenzisa iikhompyutha ubukhulu becala)?
- Londele kangakanani ukhuphiswano kolu hlobo lweshishini (umz. Ufumana ukhuphiswano oluninzi)?
- Ingaba ikhona imiqobo enokuthi ikuthintele ekungeneni kolu hlobo lweshishini (umz. Iindleko eziphezulu zeempahla, kukho ubungqongqo malunga nelayisensi)?
- Ziziphi izinto ezinganobungozi ezinxulumene nolu hlobo lweshishini?
- Ngawaphi amanyathelo asemthethweni alandelwayo (umz. Imithetho echaphazela udidi lweshishini oliqhubayo)?

2. Ukuphanda ngabathengi bakho: *Zalisa eli phepha-mbuzo lilandelayo*

- Bangakanani na abathengi abaqikelelweyo kolu hlobo lweshishini?
- Ngoobani abona baxhasi bam – bachaze ngokobudala, isini, bakweliphi inqanaba lomvuzo, bafunde kangakanani, iyantluko ngokokuhlala kwanenkubeko.
- Yintoni abaxhasi abayithatha njengeyona ibalulekileyo xa bethenga? Ingaba lixabiso, yimpahla enomtsalane, yinkonzo abayifumanayo, njl,njl.
- Mangaphi amanye amashishini akhoyo athengisa iimpahla ezifana nezi ndizithengisayo?
- Ngoobani endikhuphisana nabo ngokwamaxabiso nangempahla esulungekileyo?
- Ndazi kangakanani ngoosomashishini endikhuphisana nabo?
- Ziziphi ezona ndawo banamandla nabaneziphene kuzo oosomashishini endikhuphisana nabo, kwaye ndingajongana njani nazo?
- Ingaba ndinganakho ukukhuphisana nabo ngexabiso (umz. ukubiza amaxabiso aphantsi), okanye ndiqhube inkonzo esulungekileyo nesemgangathweni (umz. ukusongela iimpahla ngendlela efanelekileyo nenomtsalane, ukubathuthela iimpahla, njl,njl.), okanye zombini ezo zinto?
- Ziziphi iindlela endiya kuzisebenzisa ukuthuthela abathengi bam okanye ukuqhuba le nkonzo?

3. Ukuphanda ngoosomashishini okhuphisana nabo:

Ukuqokelela iinkcukacha zabakhuphisana nawe akudli mali yaye kungathathi xesha lingephi. Ezona zinto zingenakukudla mali ininzi ukuqokelela ezo nkcukacha kubandakanya oku kulandelayo:

- Kukufunda amapheca ezoshishino namacandelo amaphepha-ndaba ezoshishino.
- Ukudlana iindlebe kunye nabaxhasi bamashishini okhuphisana nawo amathathu nangawona aphezulu.
- Kukuthenga iimpahla zoosomashishini okhuphisana nabo ukuhlola intsulungeko yempahla abazithengisayo, amaxabiso abawabizayo, njl, njl.
- Kukutyelela imiboniso yezorhwebo okanye eminye imiboniso nokuba yimizimveliso.



UKUBONELELA ISHISHINI LAKHO NGEMALI

Ngokuqinisekileyo uya kuphantse ulifunele imali ishishini lakho ukuze injongo onayo entsha ngalo ibe nokufikelela kwiindawo zorhwebo, kwaye ngaphezulu ube nakho nokulikhulisa, ulandise ishishini lakho elitsha. Kufuneka ukuba uwuphonononge umcimbi wemali ngaphambi kokuzifaka kuzo naziphi na izinto ezingaluncedo kwinjongo yakho yoshishino.

Ukuphonononga umcimbi wemali kuya kukunceda wazi ukuba-

- ngaba liya kuba nengeniso na ishishini?
- yimalini onokuyityaka kweli shishini lakho?
- yimalini onokuyiboleka?
- kuya kukudla malini ukuqhuba ishishini?
- kufuneka uthengise kangakanani ukuze kubuyele iindleko zakho?
- iya kuba yimalini esoloko ingena kwaye iphuma?
- ngaba ingeniso elindelekileyo iyazifikelela na iindleko owangena kuzo?

Zimbini iindidi zeendleko omele ukuziqwalasela, zezi:

1. Ukuseka/ iindleko zokuqala zeshishini

- Iindleko zomthetho (umz. izivumelwano)
- Oomatshini nezixhobo zokusebenza
- Iimpahla zevenkile
- Uphando ngabathengi bakho
- Amalungiselelo eendleko okuqhuba ishishini kude kube ziinyanga ezintandathu (umz. imivuzo, imipoposho-ntengiso, iindleko zokuqasha isakhiwo, njl. njl.)

2. Iindleko zokuqhuba ishishini ezicwangciselwe imali:

- Imivuzo
- Ukuhlawulela indawo yothengisela nokuqesha izixhobo zokusebenza
- IiNkonzo zoMasipala, umz. amanzi, umbane
- I-Inshorensi
- Ukupapasha
- Ifowuni, izixhobo zokubhala, ezokuposa, njl. njl.



Uxwebhu olubonisa iinkcukacha ezilula

Ukunyusela ishishini elisakhasayo ingxowa-mali, kufuneka enzelwe uxwebhu olubonisa iinkcukacha ezilula kumbolekisi-mali.

kufuneka ucacise ukuba:

- kutheni ucinga ukuba ishishini lakho liya
- kuphumelela okanye kutheni ucinga ukuba le ngcinga yakho ingasebenza
- ingakanani imali oyifunayo
- iya kuhlawulwa nini le mali
- uya kumisa/kubambisa ngantoni

Ukunikezela ngamanani

Ukuba ishishini lakho seliqhuba, yisa uxwebhu olubonakalisa ingeniso yakho yamva yokuphela konyaka kungenjalo eyempela-nyanga. Ukuba ngaba uzimele kwiishishini lakho, okanye lelendibaniselwano, kunokunyanzeleka ukuba unikezele ngesiqinisekiso sento onokuthi umise ngayo ukuze ufumane imali-mboleko. Ngokubhekiselele kulo mcimbi, yisa uxwebhu olubonakalisa ubutyebi bakho emveni kokuba amatyala ehlawuliwe (iimpahla esele zigqityiwe ukuhlawulelwa). Kananjalo kufuneka ubonakalise nemali-ngeniso nenkcitho eqikelelweyo ebonisa ithuba lentlawulo yemali-mboleko.

Ukudlala indima

Iya kuba ngumbolekisi-mali oya kubona ukuba unganakho kwaye uthembekile na ukuba unokuyibolekwa imali yibanki (nokuba liliphi na elinye iziko elibolekisa ngemali). Kufuneka ubonakalise ukuzithemba nokuzola kwiinjongo zeshishini lakho. Ukuba ngaba ufuna uncedo ngezimali kwishishini elitsha, ungafaka nesishwankathelo (uluhlu) lwezinto eziyimpumelelo osele ukhe wazenza kuxwebhu olubonisa iinkcukacha zeshishini lakho.

Ukulungelelanisa indlela owandlale ngayo umcimbi wakho

Malube nomtsalane uxwebhu lwakho kwiimfuno zomntu oboleka kuye imali. Ukuba ufuna uncedo lwemali-mboleko, gxininisa uqinisekisa ukuba uza kuba nakho ukuyibuyisa imali-mboleko – musa ukuthembisa ngengeniso engekho ngqiqweni. Khumbula ukuba abolekisi-mali abafumani sabelo kwingeniso.

Ukuba negugu ngengeniso kuya kumenza umbolekisi-mali akubone jengesidelangozi kwezoshishino nomphuphi omaphupha angafezekisekiyo.

Kwelinye icala, ukuba ulwenza uxwebhu lweenkcukacha kubalondolozisi-mali abenza izabelo eziqhelekileyo (isahlulo), wenzela ukubonisa gekhono onalo lokwenza ingeniso.

Kwakhona, ungabonana nabantu wanamaqumrhu aneengcali kwimiba yemalimboleko yoshishino.

Olu luhlu lulandelayo lubonisa iinkonzo ezikhoyo ezimbalwa zemcimbi yemali:

UKUWAZI UMTHETHO

Ishishini nomthetho zizinto ezihamba kunye – kokubini ekuqaleni ishishini elitsha kwanendlela eliya kuqhutywa ngalo. Inyathelo lokuqala kukugqiba ngendlela oza kuyilandela ukumisa ishishini lakho – umrhwebi ozimeleyo, indibaniselwano, iqumrhu okanye inkampani, kwaye ngaphezulu kubalulekile ukulandela iingcebiso zeengcali ngalo mba ngaphambi kokuba ugqibezele ukwenza isicwangciso sakho soshishino. Iingcebiso zeengcali zizo eziya kukunceda zikuqinisekise ngendlela omawuyilandele ukuseka ishishini lakho.

Ubume beshishini

Indlela oyikhethayo yokumisa ishishini lakho iya kuba yiyo ebonakalisa indlela oza kuyihlawula ngayo irhafu kwakunye nendlela nohlobo lweencwadi zoshishino ekufuneka zigciniwe. Ngaphambi kokudlulela kumba olandelayo kufuneka uqale uqonde oku:

1. UMrhwebi ozimeleyo

- Kulula ukuliseka eli shishini kwaye likwaxhomekeke kwimithetho/imimiselo engephi.
- Amatyalanga angahlawulwanga namatyala oshishino enziweyo asemagxeni akho.
- Unganako ukulimisa eli hlobo leshishini ngenye indlela, umzekelo, ukuseka inkampani yabucala.
- Uzenzela ngokwakho zonke izigqibo.

2. Indibaniselwano

- Kulula ukuliseka eli shishini kwaye likwaxhomekeke kwimithetho/imimiselo engephi.
- Kuyaphathiswana ngomthwalo.
- Kungasoloko kukho ukungavumelani phakathi kwabanini shishini.
- Kwenziwa intlanganisela yamava, imali nobuchule.

3. IQumrhu

- Abanini-shishini bangasukela kwi-(1-10) kwaye uxanduva lwamatyalanga
- lweshishini aluxhomekekanga kubanini-shishini.
- Kulula kwaye akubizi kangako ukubhalisa.
- Linamathuba amaninzi okukhula.
- Kubakho ukukholiseka kwintsebenziswano phakathi kwababoneleli nabathengi.

4. Inkampani (yabuCala okanye ekaWonkewonke)

- Kuthatha ithuba elide ukuseka olu hlobo lweshishini.
- Irhafu ihlawulwa ngokuphinda-phindiweyo. Inkampani iyayirhafela
- ingeniso, kanti nezabelo zomnini-zabelo ngamnye ziphinda zirhafelwe.
- Abanini-shishini abanaxanduva lokujongana namatyala angahlawulwanga eshishini.

UKUWAZI UMTHETHO

Ezinye izinto eziqwalaselwayo ngumthetho iSebe laBasebenzi

- Kukho imithetho ethile elawula ukuqesha, ukuphathwa kweshishini, ukugxothwa kwabasebenzi.
- Kufuneka uwazi amalungelo akho njengomqeshi kwanamalungelo abaqeshwa. Kufuneka utyelele i-ofisi yommandla yeSebe lezaBasebenzi ukuze ufumane ezinye iinkcukacha.

UMrhafisi

- Ungaqhagamshelana nee-ofisi zoMrhafisi okufuphi nawe uphanda malunga neenjongo zokubhalisela irhafu ngokwe-VAT, irhafu yabasebenzi nerhafu etsalwa emvuzweni.

Iphepha-mvume lokurhweba

Amaphepha-mvume okurhweba awasafuneki nganto kwezinye iindidi zamashishini. Nakuba kunjalo liyafuneka iphepha-mvume kwezi ndidi zamashishini zilandelayo:

- Kumashishini athengisa ukutya okutyelwa kwakuloo ndawo yoshishino
- kwakunye nokutya okuphela msinya.
- Kumashishini asendleleni athengisa ukutya okuvuthiweyo ekuhanjwa nako
- kwanoko kuphela msinya.
- Iindidi ezithile zamaziko ezempilo kwaneendawo eziyolisayo (iudisco nebhanyabhanya)

Iinombolo ekungatsalelwa kuzo zezi

ImiCimbi yaBasebenzi :	iSebe lezaBasebenzi:	(021) 462-3680
imiBuzo ngerhafu :	uMrhafisi:	(021) 460-2911 / 086 012 1218
iiLayisenisi zoRhwebo :	uMasipala weNgingqi:	khangela kwincwadi yakho



UKWENZA ISICWANGCISO SOSHISHINO

Isicwangciso seshishini lakho ngumkhomba-ndlela obonisa indlela ishishini lakho ekufuneka liqhutywe ngayo. Kufuneka libe sisikhokelo esicacileyo senjongo onayo ngeshishini lakho, ubuqilima beshishini, iziphene, amathuba nezicela-mngeni ezinokudodobalisa ishishini lakho. Sisebenzise njengesikhombandlela sakho esi sicwangciso.

Nanjengasiphi isicwangciso asiyikusoloko sizinze ndaweni-nye koko kuyakufuneka ukuba sisoloko sihlaziywa sifanele nenguqu ezenzeka kwezoshishino. Zama ukusenza sifutshane isicwangciso sakho seshishini kodwa silandeleke. Oku kuyakubenzela lula nabatyali-mali kwanabablekismali ukuba basihlaziye baze banike iimbono zabo malunga nesisi sicwangciso.

▼ Isicwangciso sakho seshishini kufuneka sibonise oku kulandelayo:

- Yintoni ofuna ukuyenza
- Uza kuyenza njani
- Ucinga ukuyenza nini
- Kutheni ucinga ukuba eli shishini lakho liya kuphumelela nje

Esi sicwangciso sakho soshishino masiqulunqwe ngale ndlela ilandelayo. Imizekelo elula oyinikiweyo injengesikhokelo kuphela, ayingethathwa njengegqibeleleyo ukwenza isikhokelo sesicwangciso. Iziko lakho leSMME lingaluncedo olukhulu kulo mba.

▼ Ikhasi elisekuqaleni namakhasi anesiqulatho makabhalwe ngendlela echubekileyo

- igama leshishini (umz. *Carelina Shuttle Services*)
- iinkcukacha zakho (umz. *Kim Buthelezi, 12 Green St, Nyanga, ifowuni. 668-6000*)

▼ Isishwankathelo/ imiba ebalulekileyo

- inkcazo ngezinto okanye iinkonzo oza kuzithengisa eshishinini lakho (umz. *inkonzo yothutho ukusuka kwindawo yeenqwelo-moya ukuya kwiihotele ezisembindini wedolophu yoshishino*)
- ucinga ukuba kutheni liya kuphumelela nje eli shishini (umz. *Kungokuba siya kubathutha sibothule ezindlwini zabo abakhweli kwaye sinamalungelo abucala okusebenzisana neeHotele zakwa ABC*)
- unenjongo zexesha elifutshane, eliphakathi okanye elide ngeli shishini (umz. *iinjongo zezokufumana inxalenye yabathengi kwidolophu yoshishino esembindini kuqala ndandule ukunabela nakwilizwe ngokubanzi*)

▼ Inkcazo ngeshishini

- inkcazo ngokubanzi ngeshishini lakho (umz. *inkonzo yothutho ukusuka kwindawo*)
- yeenqwelo-moya ukuya kwiihotele ezisembindini wedolophu yoshishino neziqhuba iiyure ezi-24, neemoto ezintathu)
- uhlobo lobunini-shishini (umz. *iqumrhu, ilungu elinye*)
- Ukwahluka kwemveliso/inkonzo yoshishino (umz. *amalungelo abucala okuqhubela u ABC Hotels eli shishini*)

▼ Isicwangciso sokupapasha kwanendlela oya kuliqhuba ngayo ishishini

- abona bantu ujolise kubo ngoshishino (umz. *abakhenkethi baphesheya abafuna izithuthi ezithembekileyo zokubasusa kwindawo yeenqwelo-moya zibase kwindawo abaya kube bexhwarhe kuzo ziphinde zibabuyise*)
- indlela abaqhuba ngayo oosomashishini okhuphisana nabo (umz. *Oosomashishini okhuphisana nabo babiza amaxabiso aphantsi, iinkonzo zabo azithembekanga, basebenza ukususela kwintsimbi ye-8 kusasa ukuya kweye-6 malanga kuphela*)
- indlela oyisebenzisayo ukubiza amaxabiso, izinto oqhuba ngazo ishishini, ukupapasha kwanendlela yokuthutha (umz. *ixabiso eliya kubizwa liya kuba phezulu kuneloomashishini okhuphisana nabo, uyakunikezela ngenkonzo ethembekileyo, ziya kuba zithathu izithuthi eziya kusebenza malunga neeyure ezingama-24*)

▼ Isicwangciso kwanendlela oya kuyisebenzisa ngayo imali

- Ingqikelelo ngezemali:
- ingeniso nelahleko (*chaza izibalo zenkcitho nengeniso*)
- imali esoloko ingena kwaye iphuma (*chaza imali engenayo kwanephumayo ngenyanga*)
- ingxelo yokungalahlekelwa-kungazuzi nto (*chaza ukuba bangaphi abaxhasi abafuna ukuthuthwa kungenjalo uhambo oluza uthatyathwa ukuze kuhlawuleke iindleko*)
- imithombo yemali (umz. *umnini-shishini uya kuncedisa nge- R80 000, ilungu losapho livumile ukuncedisa ngama-R20 000 njengemali-mboleko; isixa-mali esingama-R30 000 siya kubolekwa ebankini*)
- indlela yokusebenzisa imali (*imali iya kuthenga iibhasana ezintathu, ifenitshala yeofisi kwanokuhlawula ngayo imivuzo*)
- isibambiso (umz. *umnini-shishini uya kubambisa ngendlu yakhe xa esenza nayiphi inalimboleko*)

▼ Indlela yokuqhuba ishishini

- abasebenzi nabona basebenzi baphambili (umz. *umnini-shishini, abaqhubi abathathu, nomamkeli*)
- abaxhobisi (umz. *ABC Hotels, abaxhobisi ngeendawo zokuhlala kumbindi dolophu woshishino, abaquzeleli bokhenketho*)
- inkcazo ngemveliso/ ukwabiwa kwezinto zokusebenza (umz. *izithuthi ziya kusabela ukubizwa kwiziko lazo ziye kuloo ndawo zifuneka kuyo, baya kususwa kule ndawo basiwe kwenye abahambi*)

v Isiphelo

- izizathu ezixhasa iingcinga zakho ngempumelelo yeshishini (*umz. Siqhuba inkonzo ebalaseleyo esekelwe kwizivumelwano zabucala neqela leehotele zika-ABC*)
- izizathu ezikwenza ucinge ukuba ufanele ukufumana uncedo lwemali (*umz. silwenze ngokwaneleyo uphando malunga nendawo nezinto esiya kuzithengisa kwaye siqinisekile ukuba zizinto ezifunwayo ngabathengi bethu, kanti usinika okungaphezulu kunoko sikulindeleyo*)

v Izihlomo ezongezelelweyo (iikopi zamaxwebhu axhasayo)

- iingxelo zamatyala-mboleko (*umz. iingxelo-mali zebank zomnini-shishini zeenyanga ezili-12 ezidlulileyo*)
- izivumelwano (*umz. isivumelwano esibhaliweyo neehotele zakwa-ABC*)
- amaxwebhu asemthethweni (*umz. amaxwebhu obhaliso eCC nePDP*)
- ukuqesha isiza (*umz. isivumelwano neNkampani yeNdawo yeenqwelo-moya sokuqesha isiza*)

INKXASO

Eyona nto ibalulekileyo omawuyazi yeyokuba uncedo luyafumaneka. Into ekufuneka uyenzile kukuphanda ngazo zonke iinkalo.

Uncedo ongalufumana lokuqala ishishini lakho – ngokwemali, izibonelelo zemali, uqeqesho, iingcebiso zoshishino nobuchule bokuqhuba urhwebo – lungafumaneka ngokwendlela ezininzi ezahluka-hlukeneyo kurhulumente oyintloko, kumagunya kurhulumente awengingqi, oomasipala, kwanamaqumrhu oshishino.

Tyelela iRED Door ekufuphi kuwe!

INDAWONI IRED DOOR YETHU YOMMANDLA?

Mitchells Plain
The Promenade
Shop No. C-03
Ikona yeAZ Berman kunye neMorgenster Sitalato
Ifowuni: (021) 376-2377
Ifeksi: (021) 376-4524
InfoMPlain@reddoor.co.za

Atlantis
I-shopping centre e Atlantis
Inombolo yevenkile LS 19
Isekile I-Westfleur
Ifowuni: (021) 572-0901
Ifeksi: (021) 572-0919
InfoAtlantis@reddoor.co.za

Hermanus
Mimosa Gateway Shopping Centre Ikona YeMain kunye neMimosa
Ifowuni: (028) 312-1812
Ifeksi: (028) 312-1849
InfoHermanus@reddoor.co.za

Beaufort West
136 Donkin Sitalato
Inombolo yevenkile -3
Ifowuni: (023) 415-1109
Ifeksi: (023) 414-2779
InfoBWest@reddoor.co.za

Vredenburg
41 Main Street
Vredenburg
Ifowuni: (022) 719-1962
Ifeksi: (022) 719-1965

Departement van Ekonomiese Ontwikkeling en Toerisme
Tel: (021) 483-2628

Khayelitsha
Makhaza Shoprite Centre
Shop No. 22
Ikona yeLansdowne kunye neCekeka Sitalato
Ifowuni: (021) 362-6621
Ifeksi: (021) 362-6634
InfoKhayelitsha@reddoor.co.za

Knysna
Garden Route Centre
Ikona yegrey kunye neMain Sitalato
Umgangatho ophantsi
Ifowuni: (044) 382- 7227
Ifeksi: (044) 382-7253
InfoKnysna@reddoor.co.za

Paarl
Shoprite Mall
Shop 23
Ikona yeBergrivier Boulevard kunye Nesitalato I-Vanderlingen
Ifowuni: (021) 872-9904
Ifeksi: (021) 872-8154
InfoPaarl@reddoor.co.za

Oudtshoorn
70 Voortrekker Road
Ifowuni: (044) 272-0751
Ifeksi: (044) 272-6173
InfoOudtshoorn@reddoor.co.za

